

It starts with a story...

Literacy is powerful!

Each year on International Literacy Day (8 September) the world celebrates the role that reading and writing play in our lives. We also remember that there are about 781 million people across the world who can't complete simple but important tasks, like filling in a form or reading the instructions on a medicine bottle, and who are never able to get lost in a novel. There are many reasons why people don't learn to read and write, but this happens mainly because they don't have what they need to learn – good resources and the right kind of help and inspiration!

Being literate is not only about being able to use basic reading and writing skills. It is about having the power to use reading and writing to learn; to explore and communicate what we think, feel and know; and to use it to discover different ways of seeing the world.

Koketso Ratsatsi is part of the Mohlakeng Youth Movement. This team of young and inspiring people is working to grow a culture of reading in their community in Mohlakeng, Gauteng. Here is what she says about the power of literacy.

“ Knowledge is powerful, and is transmitted through reading. Knowledge is one thing that no one can ever take away from you. We need books to help us discover new things, but books are also important because they help us pass down and uphold the many different indigenous languages in our country.

Ilitheresi inamandla!

Minyaka le ngoSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe (olungowe-8 kweyoMsintsi) ihlabathi libhiyozela indima edlalwa kukufunda nokubhala kubomi bethu. Kananjalo sikwakhumbula ukuba kukho malunga nezigidi ezingama-781 zabantu, kwiilabathi liphela, abangakwaziyo ukwenza imisetyenazana elula kodwa ebaluleke kakhulu, efana nokuzalisa uxwebhu lweenkcukacha okanye ukufunda imiyalelo ekwibhotile yeyeza, nabangasoze bakwazi ukutshona dzwabha, beziva bekwelinye ilizwe, xa befunda inoveli emnandi. Zininzi kakhulu izizathu ezibangela ukuba abantu bangakufundi ukufunda nokubhala, kodwa oku kwenzeka kakhulu kuba bengenazo izixhobo abazidingayo ukuze bafunde – imithombo yolwazi elungileyo noncedo olufanelekileyo kwakunye nokuvuseleleka!

Ukwazi ukufunda nokubhala ayikokwazi nje ukusebenzisa izakhono ezisisiseko zokufunda nokubhala. Koko kukufumana amandla okusebenzisa ukufunda nokubhala ukuze ubani afunde izinto-yinto; aphonononge ze avakalise iingcinga zakhe, oko avakalelwa kuko kwakunye nakwaziyo, athi ke ukufunda akusebenzisele ukufumanisa iindlela ezahlukileyo zokujonga ihlabathi.

UKoketso Ratsatsi ngomnye wabathatha inxaxheba kuMbutsho woLutsha lwaseMohlakeng - iMohlakeng Youth Movement. Eli qela labantu abatsha nabavuselelayo lisebenzela ukukhulisa inkcubeko yokufunda kuluntu lwaseMohlakeng, eGauteng. Naku akuthethileyo ngamandla elitheresi.

“ Ulwazi bubungamsha, kwaye luthi lugqithiswe ngokufunda. Ulwazi yinto enye ekungekho bani onokukohlutha yona. Sifuna iincwadi ezinokusinceda sifumanise izinto ezintsha, kodwa ngaphezu koko, iincwadi zibalulekile kuba zisanceda ekudluliseleni nasekuzigcineni ziphilile iilwimi zeenkobe zethu ezininzi nezahlukileyo kwilizwe lethu.

There are many good reasons why reading needs to be intensified in our country. I always tell anyone who cares to listen that reading gradually builds confidence, and that for a child's future, successful reading is essential. One of the ways in which we can make reading enticing, is by offering children books in their home languages and instilling a deep love for their mother tongue before moving on to additional dialects and other languages.

Imagine this: if we all went to libraries and book clubs regularly, we would have a functioning society of curious, literate citizens. After our library in Mohlakeng was burnt down during a service delivery protest, a group of us started our own library, offering what books we could. Since then, children have been visiting us daily, and through relaxed one-on-one reading sessions, we're already seeing an improvement in their confidence and skills. So, I ask you to join us in affirming our children's right to read by sharing a book or a story with the children in your life. ”



Kukho izizathu ezininzi ezilungileyo zokuba kutheni kufuneka sikuqinisile ukufunda kwilizwe lethu. Ndisoloko ndixelela nabani na okhathalele ukundimamela ukuba ukufunda kwakha ukuzithemba kancinci-kancinci, kwaye ukuze umntwana abe nekamva eliqaqambileyo, ukufunda ngempumelelo kubaluleke kakhulu. Enye yeendlela esinokukwenza ngayo ukufunda kurhaleleke, kukunika abantwana iincwadi ezibhalwe ngeelwimi zabo zeenkobe kwakunye nokutyala ezingqondweni zabo uthando olunzulu lolwimi lwabo phambi kokuba badlulele kwezinye iilwimi zezinye iinginqi nezinye iilwimi abahlangana nazo ngokubanzi.

Khawube nomfanekiso-ntlekelelo woku: ukuba sonke besisiya rhoqo kumathala eencwadi kwakunye nakwiiklabhu zokufunda, besiya kuba nentlalo noluntu olusebenza kakuhle olunabantu abaziimfuna-lwazi nabakwazi kakuhle ukufunda nokubhala ngokukuko. Emva kokuba ithala lethu leencwadi laseMohlakeng latshiswayo xa kwakuqhankqalazelwa ukuziswa kweenkonzo eluntwini, iqela lethu laqalisa elethu ithala leencwadi, sibolekisa ngeencwadi esasinako ukubolekisa ngazo. Ukususela ngoko, abantwana basindwendwela yonke imihla, kwaye ngokuhlanganiswa komntu omnye nomntwana omnye, befundelana ngokuzolileyo, sele siyibona impucuko ekuzithembeni kwabo nakwizakhono zabo. Ngoko ke, ndiyanicela ukuba nisijoyine ekubetheleleni ilungelo labantwana bethu lokufunda ngokwabelana ngeencwadi nangamabali kunye nabantwana abakubomi bakho. ”

INSIDE:

- ★ A book: *Children's literacy rights*
- ★ Simple ways to support your children's literacy
- ★ A special Literacy Day story featuring the Nal'ibali characters


NGAPHAKATHI:

- ★ Incwadi esihloko sithi: *Amalungelo abantwana elitheresi*
- ★ Iindlela ezilula zokuxhasa ilitheresi ebantwaneni bakho
- ★ Ibali elikhethekileyo loSuku lweLitheresi elinabalinganiswa bakwaNal'ibali



Drive your imagination

Story Power.
Bring it home.
Wazise ekhaya amandla eballi.





Nal'ibali news

Last year, people across South Africa helped us read aloud to almost 50 000 children on World Read Aloud Day! In 2015, Nal'ibali was determined to share the power of reading aloud with even more children ... and thanks to you and all our other supporters, we managed to reach our goal and set a new reading record. On 4 March 2015, a massive 166 360 children listened to a story being read aloud to them!

We started by asking Gcina Mhlophe, the renowned writer, storyteller and activist to write a story especially for us – and that was how *Sisanda's gift* was born. People signed up on our website to record the number of children they read the story aloud to. Nal'ibali Literacy Mentors brought the story to schools, early childhood development centres, libraries and reading clubs in six provinces: KwaZulu-Natal, Eastern Cape, Western Cape, Gauteng, Free State and Limpopo. So many of you sent in your photos taken on the day! We also received quotes, ideas and opinions about the story. Thank you for helping us to set the new South African read-aloud record!

Here are just a few of the photographs you sent us.

Ezi ziifoto nje ezimbalwa kwenisithumelele zona.

Iindaba zeNal'ibali

Kunyaka ophelileyo, abantu kuMzantsi Afrika uphela basinceda safundela ngokuvakalayo abantwana abamalunga nama-50 000 ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi! Kowama-2015, uNal'ibali ubezimisele ukwabelana ngamandla okufunda ngokuvakalayo nabantwana abangaphezulu le-e-e kunoko ... kungoko ke sithi masenze elombulelo kuni kwakunye nabo bonke abaxhasi bethu, kuba sikwazile ukufikelela kwinqongo yethu saza saseka irekhodi entsha yokufunda. Ngomhla we-4 kweyoKwindla wama-2015, ihlokondiba labantwana abali-166 360 laliphulaphule xa lalifundelwa ibali ngokuvakalayo!

Saqala ngokucela uGcina Mhlophe, umbhali owaziwayo, umbalisi-mabali kunye netshantliziyo ukuba asibhalele ibali elikhethekileyo – yaze leyo yaba yindlela ibali elisihloko sithi, *Isipho sikaSisanda* elabakho ngayo. Abantu basayina bejoyina kwiwebhusayithi yethu, bebhalisa amanani abantwana ababafundele ngokuvakalayo eli bali. Amakhankatha eLitheresi akwaNal'ibali alibalisa eli bali ezikolweni, kumaziko ophuhliso lwabantwana abancinane, kumathala eencwadi nakwiiklabhu zokufunda kumaphondo amathandathu: iKwaZulu-Natala, eMpuma Koloni, eNtshona Koloni, eGauteng, eFreyistata naseLimpopo. Uninzi lwenu lwasithumelela iifoto ezathathwayo ngaloo mini! Kananjalo safumana izicatshulwa, iingcebiso kunye nezimvo ezimalunga neli bali. Sinibulela kakhulu ngoncedo lwenu ekusekweni kwerekhodi entsha yaseMzantsi Afrika yokufunda ngokuvakalayo!



Paarlzicht Primary School, Paarl, Western Cape

Isikolo samaBanga aPhantsi iPaarlzicht Primary School, ePaarl, eNtshona Koloni



Vanani Farm School, Mooiplaas, Eastern Cape

Isikolo saseFama iVanani Farm School, eMooiplaas, eMpuma Koloni



Parkview Junior School, Johannesburg, Gauteng

Isikolo samaBanga aPhantsi iParkview Junior School, eRhawutini, eGauteng

For me, the most important thing is for children to feel loved in many different ways, and sharing a story with them, is a beautiful way of showing that you care.
Gcina Mhlophe

Ngokokwam, eyona nto ibalulekileyo kukuba abantwana bazive bethandwa ngeendlela ezininzi ezahlukileyo, kwaye ukwabelana ngebali kunye nabo, yindlela entle obonakalisa ngayo ukuba uyakhathala.
nguGcina Mhlophe

NAL'IBALI ON RADIO!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show: Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m. SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali: Ku-Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45. Kwi-SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.



Drive your imagination



Get story active!

Here are some ideas for using the stories and children's literacy rights book in this supplement. Choose the ones that best suit your children's ages and interests.

Who is King?

Children of all ages will enjoy these stories from Africa! Children aged 5 and older may enjoy you reading these stories aloud to them. But, if you are using the stories with younger children, you may want to read them on your own first, and then retell the stories in your own words while showing the children the pictures.



- ★ Read and discuss each story separately.
- ★ After reading "Who is King?", discuss these questions with your children.
 - ☉ Do you think the animals really thought that Lion was king of all the animals, or were they just saying that to keep him happy?
 - ☉ How do you think Lion felt about what Elephant did?
 - ☉ What do you think about what Elephant did? What would you have done?
- ★ After reading "Unanana and One-Tusk" do some of these things.
 - ☉ Discuss with your children what they think about the choices that the different characters made in the story. For example: "Do you think that it was okay for One-Tusk to swallow the children because he was angry? Why?"; "What would you have done if you were Unanana and an elephant had swallowed your children?"; "What lesson do you think elephants might have learnt from what happened?" and "What lesson do you think the villagers learnt?"
 - ☉ Suggest that your children use playdough, clay or Plasticine to make the characters in the story, and then use these to retell the story in their own way.


Children's literacy rights

This little book helps children to think about the ways they use reading and writing in their lives. It is best to use it with children aged 6 and older, although younger children will probably enjoy talking about the pictures.

- ★ Read each of the rights, pausing after each one so that your children can comment or ask questions. You can ask questions or make comments too! Here are some examples.
 - ☉ **Right 1:** Who reads to you? What's your favourite storybook?
 - ☉ **Right 2:** Look at all these languages. (Read the names of the languages.) Which ones do you know well? Which ones do you know a little? Which ones do you use at school? Which ones do you use at home? Do you know anyone who speaks any of these languages?
 - ☉ **Right 4:** What kinds of books do you think the children are reading? What kinds of books do you enjoy?
 - ☉ **Right 8:** In this picture, Neo and Mbali's dad is writing down the story they are telling him. What do you think their story is about? Let's write down that story.
- ★ After you have finished reading, try one of these activities.
 - ☉ Write down a story that your child dictates to you and then read it together.
 - ☉ Encourage your children to keep a list of all the stories that they read in a month. At the end of the month, talk together about the ones they enjoyed the most.
 - ☉ Tell your children one of your favourite stories and then invite them to tell you one of theirs.

We have to go!

This story takes place on International Literacy Day. Neo is excited to see his favourite author at the library and give her the book he has made for her, but his Dad is too busy to take him. Enjoy reading the story aloud or retelling it.



- ★ Suggest that your children make their own books just like Neo did in the story. Let them decide who they would like to give their books to – or whether they would like to keep them to read at home!
- ★ Read some books written and/or illustrated by Joan Rankin. Find information about her books on www.jacana.co.za, www.nb.co.za and www.shuters.com. You can also find books that she illustrated in past supplement editions on our website: www.nalibali.org. Look for editions 16, 19, 33, 37, 52, 60, 76 and 91.

Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye zeengebiso zokusebenzisa amabali kunye nencwadi yamalungelo elitheresi yabantwana kolu hlelo. Khetha ezo zifanele ubudala babantwana bakho nemidla yabo.



Ngubani uKumkani?

Abantwana ababudala bahlukileyo baya kuwonwabela la mabali ase-Afrika! Abantwana abaneminyaka emi-5 kunye nabadalana kunoko bangakonwabela ukukuphulaphula ubafundela ngokuvakalayo la mabali. Kodwa, ukuba la mabali uwasebenzisa kubantwana abancinane kunoko, mhlawumbi kungafuneka ukuba uzifundele wena kuqala, uze uwabalise kwakhona ngawakho amazwi lo gama ubabonisa imifanekiso abantwana.

- ★ Fundani nize nixoxe ngebali ngalinye ngokwahlukileyo.
- ★ Emva kokufunda ibali elisihloko sithi "Ngubani uKumkani?", xoxani ngale mibuzo nabantwana bakho.
 - ☉ Ucinga ukuba izilwanyana zazicinga ukuba ngokwenene iNgonyama ngukumkani wazo zonke izilwanyana, okanye zazisitsholo nje ukumenza ukuba azive onwabile?
 - ☉ Ucinga ukuba iNgonyama yaziva njani malunga noko kwenziwa yiNdlovu?
 - ☉ Ucinga ntoni malunga nokwenziwa yiNdlovu? Ngowawenze ntoni wena?
- ★ Emva kokufunda "UNanana noBamba-Linye" yenzani ezinye zezi zinto.
 - ☉ Xoxa nabantwana bakho ukuba bacinga ntoni malunga nezinto ezakhethwa ngabalinganiswa abohlukileyo ebalini. Umzekelo: "Ucinga ukuba kwakulungile ukuba uBamba-Linye abaginye abantwana kuba wayenomsindo? Ngoba?", "Ngowawenze ntoni ukuba wena wawunguNanana kwaye indlovu iginye abantwana bakho?", "Sesiphi isifundo ocinga ukuba iNdlovu zazinokusifunda kwesi sehlo senzekayo?" kwaye "Sesiphi isifundo ocinga ukuba abantu belali basifunda?"
 - ☉ Cebisa abantwana bakho basebenzise intlama yokudlala, udongwe okanye iplastisini ukwenza abalinganiswa abasebalini, baze emva koko babasebenzisele ukubalisa ibali kwakhona ngeyabo indlela.

Amalungelo abantwana elitheresi

Le ncwadana inceda abantwana bacinge malunga neendlela abakusebenzisa ngazo ukufunda nokubhala ebomini babo. Le ncwadana ikulungele kakhulu ukusetyenziswa nabantwana abaneminyaka emi-6 nangaphezulu, nangona abantwana abancinane kunoko besenokukonwabela ukuthetha malunga nemifanekiso.

- ★ Funda ilungelo ngalinye, unqumame emva kwelungelo ngalinye ukuze abantwana bakho bakwazi ukuphawula okanye babuze imibuzo. Ungabuza imibuzo okanye nawe uthi gaqabagaba! Nantsi eminye imizekelo.
 - ☉ **Ilungelo 1:** Ngubani okufundelayo? Yeyiphi eyona ncwadi yamabali oyithandayo?
 - ☉ **Ilungelo 2:** Jonga kuzo zonke ezi lwimi. (Funda amagama ezi lwimi.) Zeziphi ozazi ngokupheleleyo? Zeziphi ozazi kancinane? Zeziphi ozisebenzisayo esikolweni? Zeziphi enizisebenzisa ekhaya? Ingaba kukho umntu omaziyo othetha ezinye kwezi lwimi?
 - ☉ **Ilungelo 4:** Zeziphi iintlobo zeencwadi ocinga ukuba abantwana bayazifunda? Zeziphi iintlobo zeencwadi ozonwabelayo?
 - ☉ **Ilungelo 8:** Kulo mfanekiso, utata kaNeo noMbali ubhala phantsi ibali abambalisela lona. Ucinga ukuba ibali labo lingantoni? Masibhale phantsi elo bali.
- ★ Emva kokuba ugqibile ukufunda, zama omnye wale misebenzi.
 - ☉ Bhala phantsi ibali umntwana wakho akubalisela lona nize nilifunde nobabini.
 - ☉ Khuthaza abantwana bakho ukuba bagcine uluhlu lwawo onke amabali abawafundileyo ngenyanga. Ekupheleni kwenyanga, ncokolani nonke malunga nalawo niwonwabele kakhulu.
 - ☉ Balisela abantwana bakho elinye lawona mabali owathandayo uze ubacele bakubalisele elinye lawabo.

Kufuneka sihambe!

Eli bali lenzeka ngoSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe. UNeo wayechulumancile kuba wayeza kubona oyena mbhali amthandayo kwithala leencwadi aze amphe incwadi amenzele yona, kodwa uTata wakhe wayexakeke kakhulu ukuba angamsa kwithala leencwadi. Yonwabela ukufunda eli bali ngokuvakalayo okanye ulibalise kwakhona.

- ★ Cebisa ukuba abantwana bakho benze ezabo iincwadi nanjengokuba uNeo enzile kweli bali. Bavumele bathathe isigqibo sokuba baza kuzipha bani na iincwadi zabo – okanye ingaba bangathanda ukuzigcina baze bazifunde kumakhaya abo kusini!
- ★ Funda ezinye zeencwadi ezibhalwe okanye ezizotyelwe imifanekiso nguJoan Rankin. Fumana iinkcukacha ngeencwadi zakhe ku-www.jacana.co.za, ku-www.nb.co.za naku-www.shuters.com. Kananjalo ungafumana iincwadi azobe imifanekiso yazo kwiintlelo zethu ezidlulileyo kwiwebhusayithi yethu: www.nalibali.org. Khangela ezi ntlelo zilandelayo: 16, 19, 33, 37, 52, 60, 76, kunye nolwama-91.



4 easy ways to support your children's literacy

When we help children become readers and writers, we give them the key to a worldwide community. But, this does not happen overnight and we need to help spark their literacy, and then keep it going by inspiring them. Here are some of the ways you can help.

- ♥ **Be a role model.** Your children learn from your example. They need to see you using reading and writing in different ways in your daily life.
- ♥ **Provide materials.** You can't learn to read if you don't have anything to read, and you can't learn to write if you don't have anything to write with or on! Children need to be able to easily find books that interest them, and also paper, pencils and crayons to write and draw with.
- ♥ **Take an interest.** Every time children read and write, encourage them by showing an interest in what they are doing.
- ♥ **Read aloud.** When children are motivated to read and write, they stand a greater chance of being lifelong readers and writers! Reading aloud to them as often as you can, teaches them the power of print and opens up their minds to facts, fantasy, and much more. You can find stories in 11 languages on www.nalibali.org and www.nalibali.mobi.

Iindlela ezi-4 ezilula zokuxhasa ilitheresi yabantwana bakho

Xa sanceda abantwana babe ngabafundi nababhali, sibanika isitshixo sokubenza babe yinxalenye yoluntu lwehlabathi. Kodwa ke, oku akwenzeki kamsinyane kwaye kufuneka sancede ekuvuseleleni ilitheresi yabo, size ziyigcine iphilile ngokubahlupheza. Nazi ezinye iindlela esinokubanceda ngazo.

- ♥ **Masibe ngumzekelo.** Abantwana bakho bafunda kumzekelo onguwe. Kufuneka bakubone usebenzisa ukufunda nokubhala ngeendlela ezohlukileyo ebomini bakho bemihla ngemihla.
- ♥ **Masibabonelele ngezixhobo.** Awukwazi ukufunda ukufunda ukuba awunanto yakufunda, kwaye awukwazi ukufunda ukubhala ukuba awunanto yakubhala okanye oza kubhala kuyo. Abantwana kufuneka bakwazi ukuzifumana lula iincwadi abanomdla kuzo, kwakunye namaphepha, iipensile kunye neekhrayoni zokubhala nokuzoba.
- ♥ **Masibonakalise umdla.** Ngalo lonke ixesha abantwana befunda kwaye bebhala, bakhuthaze ngokubonisa umdla kuloo nto bayenzayo.
- ♥ **Masibafundele ngokuvakalayo.** Xa abantwana bekhuthazwa ukuba bafunde kwaye babhale, banethuba elihle lokuba ngabafundi nababhali ubomi babo bonke! Ukubafundela ngokuvakalayo rhoqo, kubafundisa amandla okuprintiweyo kwaye kuvula neengqondo zabo ngokubhekiselele kwiingcinga ezinobunyani, amampunge kunye nokunye okuninzi. Ungafumana amabali ngeelwimi ezili-11 ku-www.nalibali.org naku-www.nalibali.mobi.

Reading club corner

September is filled with lots of opportunities to celebrate reading, writing and storytelling. Here are some of them.

7-13 September	National Book Week
8 September	International Literacy Day
21 September	Bibliodiversity Day
24 September	Heritage Day
30 September	Translation Day

Ikona yeklabhu yokufunda

EyoMsintsi izaliswe ngamathuba amaninzi okubhiyozela ukufunda, ukubhala kunye nokubalisa amabali. Nanga amanye aloo mathuba.

7-13 kweyoMsintsi	iVeki yeeNcwadi yeSizwe
8 kweyoMsintsi	uSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe
21 kweyoMsintsi	uSuku lweeNcwadi ezoHlukileyo eziFumanekayo
24 kweyoMsintsi	uSuku lwezaMafa neNkcubeko
30 kweyoMsintsi	uSuku lokuGuqulela kwezinye iilwimi

"Bibliodiversity" means having a wide variety of books available so that everyone's experience of the world is written down and available in their own language and other languages. In this way, we can preserve our heritage and share our experiences with others. To celebrate Bibliodiversity Day, why don't you share a story from your childhood with someone who might not know it and ask them to share a story with you? Or, find a story about someone who is different to you and share that with your children. (You can find stories on www.nalibali.org and www.nalibali.mobi.) After you have read the story, talk about the things you all have in common with the characters, as well as the ways in which your experiences are different.



"I-Bibliodiversity" ithetha ukuba neencwadi ezininzi ezahlukileyo ezifumanekayo ukuze amava omntu wonke ehlabathini abhalwe phantsi kwaye afumaneke ngolwimi lwabo nangezinye iilwimi. Ngolu hlobo, singakwazi ukugcina ilifa lethu kwaye sabelane nabanye ngamava ethu. Xa ubhiyozela uSuku lwe-Bibliodiversity, kutheni ungabelani ngebali lobuntwana bakho nomnye umntu ongalaziyo nje uze ubacele ukuba babelane nawe ngawabo? Okanye, ufumane ibali malunga nomnye umntu ongafaniyo nawe uze wabelane ngalo nabantwana bakho. (Ungafumana amabali ku-www.nalibali.org naku-www.nalibali.mobi.) Emva kokuba ulifundile ibali, thethani malunga nezinto enifana ngazo nabalinganiswa, kwakunye neendlela amava enu ohluke ngazo.



Create **two** cut-out-and-keep books

Children's literacy rights book

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

Who is King?

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



Zenzele iincwadana ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine

Incwadi yamalungelo abantwana elitheresi

1. Krazula iphepha le-9 kolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela imigcane engamachaphaza amnyama.
3. Phinda ulisonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.

Ngubani uKumkani?

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha lesi-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11 kunye nele-12.
2. Faka iphepha le-7 nele-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
4. Phinda uwasonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.



Drive your imagination

The following day an Impala, leaping through the bush, stopped to stare. Impala pointed his swirly horns towards the infants.

“Such beautiful children! Who is their mother?”

“Umanani! She’ll be home soon,” replied the niece.

“Well, take good care of them,” Impala yapped, before bounding onwards.

The next day, when a passing Leopard stopped to stare, Umanani’s niece was truly nervous.

“Such beautiful children! Who is their mother?” Leopard growled.

“Umanani! She’s on her way,” the niece said loudly.

“Well, take good care of them,” snarled Leopard, before prowling off through the long grass.

Now, Umanani was thankful that these animals admired her children and wouldn’t harm them. But no one in the nearby village had warned her that her hut was built on an ancient elephant path. Although most elephants would walk to one side, this was not the case with One-Tusk. Ever since a greedy hunter had stolen one of his ivory tusks, One-Tusk didn’t trust any creature on two legs.

So, one day, when One-Tusk came along the path and saw Umanani’s hut in the way, he stormed towards it, trumpeting loudly. Umanani’s niece had no time to pick up the children.



Ngosuku olulandelayo iMpala, itsiba-tsiba phakathi kwamanyholo, yema yajama. Impala yabhekisa iimpondo zayo ezizikojiko ngasebantwaneni.

“Abantwana abahle kangaka! Ngubani umama wabo?”

“Ngunanani! Uza kubuya eze ekhaya kungckudala,” waphendula umtshana ekhawaza.

“Xa kunjalo ke, bagade ubakhathalele kakuhle,” iMpala yatsho, phambi kokuxhuma-ixhuma isiya phambili.

Ngosuku olulandelayo, iHosi cidlulayo lema lajama, umtshana kaNanana waba liphakuphaku ngokwenece.

“Abantwana abahle kangaka! Ngubani umama wabo?” Lagquma iHosi.

“Ngunanani! Usendleleni ebuyayo,” umtshana watsho ekhawaza.

“Xa kunjalo ke, bagade ubakhathalele kakuhle,” lagragama iHosi, phambi kokuzulazula lihamba phakathi kwengca ende lisimka.

Kungoko ke, uNanana ubenombululo xa ezi nyamakazi zibabuka nje abantwana bakhe zingabenzakalisi. Kodwa akukho namnye elalini ekufuphi owamlumkisiyo ukuba indlu yakhe yakhiwe kumzila wamandulo wendlovu. Noxa indlovu bezihambela kwelinye icala, oko bekungenzeki kuBamba-Iinye. Ukususela oko umzingeli onyolukileyo weba elinye lamabamba akhe, uBamba-Iinye ebenzasithembi nasiphi na isidalwa esimileze midini.

Ngoko ke, kwenzeka ngenye imini, xa uBamba-Iinye wayesiza ngenlela, wabona indlu kaNanana endleleni, wonda ngayo ngomzimbo, ekhala ngesandi esikhulu. Umshana kaNanana akazange abencexsha lokufunqula abantwana.



We publish what we like

This is an adapted version of *Who is King?*, published by Jacana Media and available in bookstores and online from www.jacana.co.za. This story is available in isiXhosa, isiZulu, English and Sesotho. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Ngubani uKumkani?*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-on-line ku-www.jacana.co.za. Eli bali likwafumaneka ngesiXhosa, ngesiZulu, ngesiNgesi nangesiSesotho. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku-www.jacana.co.za.

© Jacana Media (South African rights only) Tel: 011 628 3200




Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children’s potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi

 Drive your imagination






Ngenye imini, uNanana wayescemasimini akhe, kwaye abantwana badehlala phandle xa ivukuvuku elikhulu leMfene elalijinga phakathi kwemithi ethile, ngcphanyazo layeka ukujinga labajamela.

“Abantwana abahle kangaka!” yakhonkotha ijongise kwintombi encinci ebingasemnyango. “Ngubani umama wabo?” “NguNanana! Uza kubuya eze ekhaya kungekudala,” umtshana watho ngokukhawuleza.

“Xa kunjalo ke, bagade ubakhathalele kakuhle?” iMfene yambombozela phambi kokujinga idlulele phambili.

Who is King?

An Amharic tale from Ethiopia



Once, Lion wanted to check that all the animals knew who was boss. So he went to each in turn.

“You,” he said, starting with Fox. “Who is the king of all the animals?”

Naturally Fox replied, “You, my lord.”

Each animal said the same. “You, my lord!” ... “You, my lord!”

At last Lion came to Elephant and asked his question.

“Can you come nearer?” Elephant asked.



Wabaleka, ekhala ngesesha indlovu enomsindo izivola zombini iintsana ngomboko wayo, yavula umlomo wayo yazaginya. Ngcphanyazo zabe sezingekho iintsana, uBamba-Linye wandolosa ukugoduka.

Esakuva le ngxolo, uNanana walahla ikhuba lakhe entsimini wasimbela isingq ukuya ekhaya. Kwakungekho mtu engangazela elila ematyholweni. Indizyo kaNanana yajika yangqumkhenkce ukubanda xa esiva okwenzekileyo. Ingaba kungenzeka ukuba abantwana bakhe baginywe bephelele? UNanana wakhawuleza wangena endlwini yokuthatha imbiza yakhe enkulu yokupheka. Yayiphethe isityu seembonyi sangezolo. Uphume eyithwele entloko imbiza, eyixhase ngesandla, lo gama ngesinye isandla ephethe isishetshe eside esibukhali. Engenzanga nelimdaka, ugqalise ukulandela umkhondo kaBamba-Linye.

She ran, screaming, as the angry elephant swept up both infants with his trunk, opened his mouth and swallowed them. In an instant they were gone, and One-Tusk lumbered on his way.


Hearing the rumpus, Unanana dropped her hoe in the field and ran home. It was deserted! A little later, she found her terrified niece shivering and crying in the bush. Her heart turned icy cold when she heard what had happened. Was it possible that her children had been swallowed whole? Unanana hurried into her hut to fetch her large cooking pot. It contained last night's bean stew. She emerged with the pot on her head, steadying it with one hand, while in the other she carried a long sharp knife. Without a word, she began to follow One-Tusk's tracks.

Unanana took her knife and swiftly cut a passage between One-Tusk's ribs, leading the way with her children to their world outside. That evening, Unanana received many praises and gifts for freeing everyone.

From then on, the villagers offered her help. Unanana's niece even had a little time to play with the other children. It is also said that elephants have never swallowed people since then. But it is wise for people to show elephants the respect they deserve and, most of all, never to steal their ivory tusks.

UNanana wathatha isishetshe sakhe wasika ngokukhawuleza wavula indlela phakathi kwembambo zika Bamba-Linye, ekhokela ukuphuma yena nabantwana bakhe ukuya kwilizwe labo elingaphandle. Ngobo busuku, uNanana wanconywa kakhulu ephiwa neziphu ezininzi ngenxa yokukhulula wonke umntu.

Ukususela ngoko, abantu belali bazinikela ekumncediseni. Umtshana kaNanana wafumana nexeshana lokudlala nabanye abantwana. Kukwathiwa iindlovu azizange ziphinde ziginye bantu ukususela ngoko. Kodwa bubulumko ukuba abantu babonise iindlovu intlonipho eziyifaneleyo, kwaye okona kubaluleke ngaphezulu konke, kukuba bangaze babe amabamba azo.





One day, Unana was in her field, and the children were playing outside their mother's hut, when a large shaggy Baboon, lolling between some trees, suddenly stopped to stare at them. "Such beautiful children!" he barked to the young girl in the doorway. "Who is their mother?" "Unana! She'll come home soon," the niece said quickly. "Well, take good care of them," Baboon grunted, before loping on his way.



Ngubani uKumkani?

Intsomi yama-Amhari aseTopiya

Kudaladala, uNgonyama wayefuna ukuqonda ukuba ingaba zonke iinyamakazi ziyamazi kusini na ukumkani. Ngoko ke, waya kubuza isilwanyana ngasinye.

"Wena," watsho, eqala ngeMpungutye.

"Ngubani ukumkani wazo zonke izilwanyana?"


Njengoko kulindelekile iMpungutye yaphendula yathi, "Nguwe, nkosi yam."

Isilwanyana ngasinye satsho into efanayo.

"Nguwe, nkosi yam!" ... "Nguwe, nkosi yam!"

Ekugqibeleni uNgonyama wafikelela kwiNdlovu waze wabuza umbuzo wakhe.

"Ingaba ungakhe usondele?" iNdlovu yamcela ngelitshoyo.





Lion thought that maybe Elephant was a little deaf. But as he stepped forward to repeat his question, he felt Elephant's trunk grasp him. Next, he was flying high in the sky!

Lion howled as he landed, battered and bruised.

"Why did you do that?" he whined to Elephant.

"Why didn't you just say, 'I am the king!'"

Elephant flapped his great ears and raised his trunk. Ignoring Lion, he lumbered away. But he trumpeted loudly to let all the animals know who was king.

UNgonyama wacinga ukuba hleze kuthi kanti iNdlovu ayiva kakuhle. Kodwa uthe akusondela ukuze aphinde umbuzo wakhe, weva umboko weNdlovu umthi xhakamfu. Okulandelayo, wayesele ebhabha phezulu esibhakabhakeni!

UNgonyama wakhala xa entlitheka phantsi, ebokoboko, egruzukile.

"Kutheni wenze oku nje?" wakhwinela iNdlovu.

"Kutheni ungasukanga nje wathi, 'NdinguKumkani!'"

INdlovu yabhakuzelisa iindlebe zayo ezinkulu yaphakamisa umboko wayo. Ingayinanzanga iNgonyama, yasuka yanyantsula yemka. Kodwa yatsho ngesankxwe sesandi esingxolayo ukwazisa zonke izilwanyana ukuba ukumkani ngubani.



Kungekudala, wabona imfene ihleli elityeni wayikhwaza. Wayibuza ukuba ngaba ayimbongananga kusini na uBamba-Linye? "Uze ujonge indawo enemithi emide namanye amhlophe," yabhavumla iMfene, izama ukutsho ngekhwi elithambileyo. Kwayenza oku ukuba imfene iqikelele ukuba kwenzeke ntoni kwabaya bantwana bahlle.



Before long, she saw Baboon sitting on a rock and called out to him. Had he seen One-Tusk? "Look for the place of tall trees and white stones," barked Baboon, trying to make his voice soft. He guessed what had happened to the beautiful children.

Ngephanyazo, wamqakula ngomboko wakhe wamfaka emlonyeni wakhe waze ngomthamo omnye wamginya, wehla bimbilili ngomqala wakhe waya ezantsi.

Kwathi kanti, yeyona nto uNanana ebeyifuna le.

Wayesayibambe nkqi imbiza nesitshetshe sakhe naye esaphelele. Ngoku kwakufuneka nje afumane icala abangakulo abantwana bakhe! Apha yayililizwe elingaqhelekanga elinentlambo neenduli ezinemiqolomba apha naphaya, ezele ngabantu, iibhokhwe, izinja, iikati ... kanti qelele phaya phambi kwakhe yayingabantwana bakhe ababini beleqa amantshontsho! Wathi akubakhwaza ngamagama abo, bajika beza kuye bebaleka, bekhazisa besithi balambile.

UNanana wabeka imbiza yakhe phantsi waqalisa ukutyisa abantwana bakhe isityu seembotyi. Ngephanyazo, wonke ubani waza kuxinanisana ngakuye bemngqongile, becela ukutya.


"Hambani niye kubasa umlilo. Aniboni na ukuba ninenyama eningqongileyo ekufuneka niyoje?" UNanana watsho ngokuphoxisa. Wabona nabanye abantu abangazange bafune ukumnceda nganto ukubhubha komyeni wakhe.

"Kutheni bethu singakhange siyicinge nje le nto?" batsho.

Kwixeshana nje elingephi, umlilo waba sele uvutha.

Amadangatye aya enwenwa ngokunwenwa ngaphakathi esiswini sesilo esikhulu. Kungekudala wagquma uBamba-Linye naye ngokwakhe. Weva kutshisa ngohlobo oloyikekayo ngaphakathi esiswini kwaye kwakungekho nto anokuyenza ukuphelisa oko kutshisa. Kwavakala isithongakazi esikhulu, esiwa bhuma phantsi esifa. Oko kwenzeka kanye ngexesha kuba bonke abantu ababelapho ngaphakathi babesele besifa sisifuthufuthu.






5 To spend time drawing, painting and playing with stories. Ukunikwa ixesha lokuzoba, lokupeyinta nelokudlala ngamabali.



4 To be given opportunities to explore different types of writing – like stories, poems and information – from home and around the world. Ukunikwa amathuba okuphonononga iintlobo ezahlukileyo zemibhalo – njengamabali, imibongo kunye nolwazi ngokubanzi – mibhalo leyo iyasekhaya nakwihlabathi iikelele.




3 To talk about stories and books with our friends, families and teachers. Ukuncokola ngamabali neencwadi kunye nabhalobo bethu, iintsapho zethu kwanooitshala bethu.



8 To share our thoughts, dreams and stories through our own writing. Ukwabelana nabanye ngeengcinga zethu, ngamaphupha kunye nangamabali ngokuthi nathi sibhale.

Children's literacy rights Amalungelo abantwana elitheresi



To use our own languages and learn other languages.

Ukusebenzisa iilwimi zethu kunye nokufunda ezinye iilwimi.

2



To get help from adults with our reading and writing, and with choosing interesting books to read.

Ukufumana uncedo kubantu abadala ngokufunda nokubhala kwethu, nangokukhetha iincwadi ezinomdla zokufunda.

9



All children can be powerful readers and writers! These are our literacy rights.

Bonke abantwana banako ukuba ngabafundi nababhali ababalaseleyo! La ngamalungelo ethu elitheresi.



To listen to hundreds and even thousands of wonderful stories, and tell our own stories too.

Ukuphulaphula amakhulu-khulu gxebe amawaka-waka amabali amnandi, size sikwazi ukubalisa nawethu amabali.

1

To visit the library to find the books we want to read, and to grow collections of books at home.

7

Ukundwendwela ithala leencwadi ukuze sifumane iincwadi esifuna ukuzifunda kwakunye nokuqokelela iincwadi ezininzi zokufunda ekhaya.



Esendleleni njalo, uNanana wabona
iMpala waza wayibuza kwalo mbuzo maye.
Impala yamnika impendulo etanayo nayo.
Amehlo ayo amakhulu amdaka abonisa
uvelwano. Eqhubekile esiya phambili,
uNanana wabona iHlozi litha tywa lizolile
phezulu kwesede lomthi. Engaloyiki, uNanana
uphinde wabuza umbuzo wakhe ekhwaza.
iHlozi liyiwuzise umsila walo likhomba
icala amakaye ngakulo. “Khangela indawo
enemithi emide namaye amhlophe,” latsho
iHlozi lizonwabile.

Some way on, Unanana saw Impala and
asked the same question. Impala gave the same
answer. His large brown eyes showed sympathy.
Yet further on, Unanana saw Leopard stretched
along the branch of a tree. Fearlessly, she called
out her question.
Leopard flicked his tail to point the
direction. “Find the place of tall trees and white
stones,” Leopard purred.



Suddenly, he swooped her up with his trunk, shoved
her into his mouth and in one gulp sent her flying down,
down, down his throat.


Well, this was just what Unanana wanted. Gripping
her pot and her knife, she was still in one piece. Now
she must find her children! Here was a strange land of
valleys and hills dotted with caves full of people, goats,
dogs, cats ... and there, ahead of her, were her two
children running after some chickens! When she called
their names, they turned and came scampering up to her,
complaining that they were hungry.

Unanana put down her pot and began feeding her
children the bean-stew. In an instant, everyone crowded
around her, begging for food.

“Go and build a fire! Can’t you see you have meat
all around you to roast?” Unanana said scornfully. She
recognised some people who had never offered her any
help when her husband died.

“Why didn’t we think of that?” they said.

In no time, a fire was roaring. The flames rose up
higher and higher inside the great beast’s stomach. Soon
it was One-Tusk who was roaring. He felt a terrible
burning inside him and there was nothing he could do
to stop it. With a mighty thump, he fell down and died.
It was just in time for all the people inside, who were
getting very hot.



Lonke usuku ngexesha esomba, ehakula
ekwaxhwitha ukhula, uNanana wayengqungqa
ngenqoma yokulalisa usana awayeyicula
abantwana bakhe rhogo ngorhanya. Wayenzela
umfanekiso-nlekelelo weembuso ezizolileyo
noncunmo lweentsana zakhe, kwaye oku
kwakumomeleza kakhulu.

“Thlami bantwana, ningakhal
Thlami bantwana, lalam!
Hush children, don't you cry
Hush children, sleep.”

All day, while digging, hoeing and weeding,
Unanana hummed the lullaby that she sang every
night to her infants. She imagined their gentle
faces and smiles, and this gave her strength.





Mandulo phaya, kwakusithi xa ilanga elitshelelayo
 ihphakama ligxotha ubumnyama bobusuku yonke
 imihla kusasa, umfazi onguNanana ubephuma
 ekhaya ukuya kusobenza entsimini yakhe. Udbuya
 ukushona kwelanga aze kuphuma. Nangoko,
 bekufuneka acholachole inkuni zokubasa
 ematyhohweni endleleni egodukayo.
 Bekunzima kuNanana ngoba umyeni
 wakhe wabhuhla. Ubenabantwana abancinci
 ababini ekwakufuneka ebonlile, ibesisiqo sakhe
 kwakunye nentombi yomakwabo. Le ntombi
 eselula yayiyimpelisi
 yabantwana bakhe ngelixa
 yena engekho. Akuzange
 kubekho namnye
 kwilali esebumelwaneni
 owayefuna ukumnceda.




UNanana kunye nobamba-Linye

Intsom! yamaZulu aseMzantsi Afrika


Unanana and One-Tusk

A Zulu tale from South Africa



A long time ago, as the rising sun chased away the night's dark cloak every morning, a woman called Unanana left home to work in her field. She only returned as the sun lay down to rest. Even then, she still had to collect firewood from the bush on her way home.

It was very hard for Unanana because her husband was dead. She had two little children to feed, as well as herself and her brother's daughter. This young girl looked after her little ones while she was away. No one in the nearby village offered to help her.



Sure enough, in a little while, Unanana saw a clearing of tall trees and large white stones. There, in the middle, stood an enormous elephant with a single tusk. Unanana walked right up in front of him. She waved her knife. "You swallowed my beautiful children! Give them back to me!" she demanded. Now, One-Tusk didn't like being talked to in this manner, especially by a creature on two legs, like the thief who had stolen his tusk. Was this not also the one who had blocked the elephant path? While One-Tusk began to flap his vast ears, Unanana carried on shouting at him.

Kungekudala, emzuzwini nje, uNanana wabona ibala ehlahini clingqongwe yimithi emide, wawabona namaty e amakhulu amhlophe. Kanye phaya embindini, kwabe kumi indlovu enkulu enebamba elinye. UNanana waya ngqo phambi kwayo. Wajiwuzisa isitshetshe sakhe.

"Uginye abantwana bam abahle! Babuyisele kum!" wanyanzelisa esitsho.

Uyabona ke, uBamba-Linye wayengayithandi into yokuthethiswa ngolo hlobo, ingakumbi sisidalwa esimilenze mibini, njengela sela eleba ibamba lakhe. Ingaba lo ayingebi nguye kusini na ovale indlela yeendlovu? Ngeli lixa uBamba-Linye waqalisa ukubhakuzelisa iindlebe zakhe ezinkulu, uNanana yena uqhubeke nokumkhwaza.





We have to go!



By Helen Brain



Illustrations by Rico

It was Tuesday and there was no school. All the children were meeting at the library for a special day. It was International Literacy Day and people all over the world were going to read and write and listen to stories on the same day.

Neo was so excited. His favourite author, Joan Rankin, was coming to the library to read from the books she had written, and his dad had promised to take him to see her. Neo had written a special book about her, and he couldn't wait to give it to her.

But when Neo got up on Tuesday morning, there was a funny noise coming from the kitchen. He went to look. The washing machine was making a terrible rattling, coughing noise as if it was going to explode.



Neo's dad came to see. "Oh no!" he said. "The pump must be broken. It's going to cost so much to get it fixed. We might have to buy a whole new washing machine."

"We can't afford a new washing machine," Neo's mom said. "Please, can't you fix it? I have to go to work, and there's so much dirty washing."

Dad hated seeing Neo's mom so upset so he said, "I'll fix it. Neo will help me. I'll find a website that shows me how to mend broken washing machines."

"But, Dad, you promised to take me to the library," said Neo.

"That will have to wait, Neo. The washing machine is more important. Maybe Gogo can take you," said Dad.

"I'm going out today," said Gogo, shaking her head. "I'm sorry, Neo. You'll have to go next week."


Neo was very upset. "But, Dad, you promised me you would take me to the library," he said. "We have to go soon."

Dad fetched his toolbox and googled, "How to fix a washing machine pump" on his cellphone.

"Here you go," he said to Neo, showing him the page. "This doesn't look too difficult." And with that, he pulled the washing machine out and turned it around so he could take off the back.

But fixing the machine was more difficult than it looked.

"There's a drawing here," Dad grumbled, looking at his phone. "But it's so small, I can't see what goes where."



Then Dad dropped one of the screws and it rolled under the fridge, so he had to pull the fridge out to get the screw. Neo looked at the clock. It was half past nine. Only half an hour until Joan Rankin arrived at the library.

"Please, Dad," he said, hopping from one leg to the other. "Please, hurry so we can go to the library. We have to go now."

"I'm busy here and you are not helping, Neo!" Dad looked cross.

Neo was upset. His father had promised to take him, but now everything was going wrong.

"NO, NO, NO," yelled Dad. "I don't believe it!"

"What?" Neo asked in a small voice.

"Now my phone's battery is flat!" Dad shouted. "Please fetch me the charger."

But at that very moment the power went out.

"Oh no," said Neo. "Now the electricity is off."

Dad seemed very angry. "This is the worst Tuesday ever. I'm halfway through fixing the machine and now I can't read about what to do next."

Neo nodded. "Yes, it is the worst Tuesday ever. You can't fix the machine, and I'm missing Joan Rankin," but he didn't say any more because he could see that Dad was very upset. Neo slumped down at the kitchen table and hid his head in his arms.

Dad packed away his tools. "There's not much we can do now," he said.

Neo lifted his head a little bit. The clock said ten to ten. They could still make it to the library – they'd be late, but he'd still see Joan Rankin and he could still give her his present. He turned the pages of the little book he'd made. He'd written the story and drawn the pictures, and Gogo had helped him put it together and make a cover. Dad was calming down. He picked up Neo's book. "What's this, Neo?" he asked.

Continued on page 15.

Kufuneka sihambe!

Ibali likaHelen Brain  Imifanekiso kaRico



KwakungoLwesibini kwaye kwakungekho sikolo. Bonke abantwana babeza kuhlalanga kwithala leencwadi kuba yayilusuku olukhethekileyo. YayiluSuku lweLitheresi lweZizwe ngeZizwe kwaye abantu kulo lonke ihlabathi babeza kufunda, babhale baze baphulaphule amabali, konke nje ngosuku olunye.

UNeo wayechulumance kakhulu. Oyena mbhali amthandayo, uJoan Rankin, wayesiza kwelo thala leencwadi esiza kufunda izicatshulwana zeencwadi azibhalileyo, kwaye utata wakhe wayemthembisile ukuba uza kumsa, aye kumbona. UNeo wayebhale incwadi ekhethekileyo malunga naye, kwaye wayengasakwazi ukulinda phambi kokuba ayinikezele kuye le ncwadi.

Kodwa akuvuka ngentsasa yangoLwesibini uNeo, kwakuvakala ingxolo engaqhelekanga iphuma ekhitshini. Waya kukroba. Umatshini wokuhlamba impahla wawusenza ingxolo embi kakhulu, unesandi sokukhexezela ngathi uza kugqabhuka.



Utata kaNeo waza kujonga naye. "Iyho!" watsho. "Impopo inokuba yophukile. Kuza kuxabisa imali eninzi kakhulu ukuyilungisa. Mhlawumbi kuza kufuneka sithenge umatshini omtsha."

"Asinayo nje imali yokuthenga umatshini omtsha," watsho umama kaNeo. "Khawuncede wethu, awunakusilungiselela kwalo? Kufuneka ndiye emsebenzini, kwaye ininzi kakhulu impahla emdaka."

Utata wayengakuthandi ukubona umama kaNeo ekhathazeke kakhulu ngoko ke wathi, "Ndiza kuyilungisa. UNeo uza kundincedisa. Ndiza kukhangela iwebhusayithi ebonisa indlela yokulungisa oomatshini bokuhlamba impahla abophukileyo."

"Kodwa Tata, ubundiithembise ukuba uza kundisa kwithala leencwadi," watsho uNeo.

"Oko kuza kufuneka kulinde, Neo. Umatshini wokuhlamba impahla ubaluleke ngaphezulu. Mhlawumbi uGogo angakusa," watsho uTata.

"Ndisaphuma namhlanje," watsho uGogo, ehlunguzela intloko. "Uxolo, Neo. Kwakufuneka uye kwiveki ezayo."

UNeo wayekhathazeke kakhulu. "Kodwa, Tata, ubundiithembise ukuba uza kundisa kwithala leencwadi," watsho. "Kufuneka sihambe kwakamsinyane."

UTata walanda ibhokisi yakhe yezixhobo zokusebenza waza wakhangele ku-google, "Indlela yokulungisa impompo yomatshini wokuhlamba impahla" kwiselula yakhe.

"Nantso ke," watsho kuNeo, embonisa elo khasi. "Oku akukhangeleki kunzima kakhulu." Watsho sele ewutsala umatshini wokuhlamba impahla, wawuguqula ukuze akwazi ukukhupha umva wawo.

Kodwa ukulungisa umatshini wokuhlamba kwakunzima ngaphezulu kunokuba kwakukhangeleka njalo.

"Kukho umfanekiso apha," wambombozela uTata, ejonge iselula yakhe. "Kodwa mncinane kakhulu, andiboni ukuba yintoni engena phi na."



Nanko uTata ewisa esinye sezikrifu saze saqengqeleka, satshona ngaphantsi kwesikhenkcezisi, ngoko ke kwafuneka atsale isikhenkcezisi ukuze asifumane isikrifu. UNeo wajonga ixesha. Yayilicala emva kwentsimbi yethoba. Kwakusele isisiqingatha nje seyure phambi kokuba uJoan Rankin afike kwithala leencwadi.

"Nceda, Tata," watsho, etsiba ngomlenze omnye aze abuye atsibe ngomnye. "Nceda, khawulezisa ukuze sihambe siye kwithala leencwadi. Kufuneka sihambe ngoku."

"Ndixakekile apha kwaye akundincedisi, Neo!" UTata wakhangeleka equmbile.

UNeo wayekhathazeke. UTata wakhe wayemthembise ukuba uza kumsa, kodwa ngoku yonke into yayingahambi ngendlela efanelekileyo.

"HAYI, HAYI, HAYI," wakhwaza uTata. "Andiyikholelwa ke le!"

"Yintoni?" UNeo wabuza ngelizwi elincinane.

"Ngoku ndehlelwe yibhetri yeselula yam!" wakhwaza uTata. "Nceda undiphathele itshaja."

Kodwa kanye ngaloo mzuzu wemka umbane.

"Owu hayi bo," watsho uNeo. "Ngoku nombane umkile"

Utata wakhangeleka enomsindo kakhulu. "Lo ngoyena Lwesibini wakhe wambi. Ndiphakathi kanye ekulungiseni lo matshini kodwa ngoku andikwazi kufunda ukuba ndenze ntoni na elandelayo."

UNeo wanqwala. "Ewe, lo ngoyena Lwesibini wakhe wambi. Awukwazi ukulungisa umatshini, kwaye nam ndiza kuphoswa nguJoan Rankin," kodwa zange aqhubeke kuba wayembona uTata ukuba ukhathazeke kakhulu. UNeo wahlala etafileni yasekhitshini waqubuda efihla intloko yakhe ngeengalo zakhe.

Utata waqoshelisa izixhobo zakhe. "Akukho nto ingako esinokuyenza ngoku," watsho.

UNeo waphakamisa intloko yakhe kancinane. Iwotshi yayisithi ilishumi imizuzu phambi kwentsimbi yeshumi. Babesenakho ukuya kufika kwithala leencwadi – babeza kufika emva kwexesha, kodwa wayeza kumbona uJoan Rankin kwaye wayesenakho ukumnika isipho sakhe. Watyhila amaphepha encwadana ayenzileyo. Wayebhale ibali wazoba nemifanekiso, kwaye uGogo wayemncedise ekuyidibaniseni nasekuyenzeleni iqweqwe. Umsindo nokukhathazeke kukaTata kwakudamba. Waphakamisa incwadi kaNeo. "Yintoni le, Neo?" wabuza watsho.

Lisaqhubekeka kwiqhepele le-15.

From page 13.



"My book," Neo said in a tiny voice. "I was going to give it to my favourite author at the ..." He didn't finish the sentence.

"Come on," called Dad, grabbing his car keys. "We have to go NOW! We can still get to the library in time if we hurry."

Joan Rankin had begun to read her story to the children when Neo and Dad hurried into the library. Neo found a seat at the back and settled down to listen. Her story was wonderful, and so were her pictures. Neo hoped he'd be able to draw like that one day.

And the best of all? When she'd finished and Neo showed her his book, she thought it was wonderful.

"Did you really write this story all by yourself?" she asked him.

"Yes," said Neo. "And I drew the pictures too. It's a present for you, Ma'am."

Then Joan Rankin opened her bag and took out one of her books. Inside she wrote, "For Neo, who makes beautiful books", and she signed her name in big letters and gave it to him.

Neo was so happy. He held the book so tightly he never wanted to let it go.

Just then Dad came over. "You won't believe it," he said. "I found a book on how to fix washing machines, and look – the drawings are big and clear. Why didn't you tell me the library had books like this, Neo?"



Dad gave Neo a hug. "Books are awesome. Their batteries never run flat, and you can even read them when the electricity goes off."

Neo smiled a happy smile and nodded. That was true. You can read a book anywhere and anytime.

Lisaqhubeka lisuka kwiphepha le-14.



"Yincwadi yam," uNeo waphendula ngelizwi elincinane. "Bendiza kuyinika oyena mbhali ndimthandayo kwi..." Zange asigqibe eso sivakalisi.

"Yiza khawuleza," wakhwaza uTata, esithi hlasi izitshixo zakhe zemoto. "Kufuneka sihambe NGOKU! Singafika ngexesha kwithala leencwadi ukuba siyakhawuleza."

Xa uNeo noTata wakhe bangena kwithala leencwadi bengxamise, uJoan Rankin wayesele eqalile ukufundela abantwana ibali lakhe. UNeo wafumana isitulo ngasemva waze wahlala phantsi waphulaphula. Iballi lakhe lalimnandi kakhulu, ngokunjalo nemifanekiso yakhe yayimihle. UNeo wayenethemba lokuba ngenye imini naye uya kuzoba njengaye.

Eyona nto yaba mnandi yintoni kanene? Wathi akugqiba uJoan Rankin, waze uNeo wambonisa incwadi yakhe, nawacinga ukuba iyamangalisa uJoan Rankin.


"Ingaba eli bali ngokwenene uzibhalele ngokwakho uwedwa?" wambuza.

"Ewe," watsho uNeo. "Nemifanekiso ndiyizobe ngokwam. Sisipho sakho, Mama."

UJoan Rankin wavula ibhegi yakhe waze wakhupha enye yeencwadi zakhe. Ngaphakathi kuyo wabhala, "YekaNeo, owenza iincwadi ezintle", waze wasayina igama lakhe ngoonobumba abakhulu, wamnika yona.

UNeo wayevuya kakhulu. Wayibamba nkqi loo ncwadi, engafuni nokuyibeka phantsi.

Kanye ngelo xesha wathi gqi uTata. "Awusoze ukukholelwe ke oku," watsho. "Ndifumene incwadi efundisa ngendlela yokulungisa oomatshini bokuhlamba impahla, kwaye jonga – imifanekiso mikhulu kwaye icacile. Kutheni ungandixelelanga nje ukuba kwithala leencwadi kukho iincwadi ezifana nale, Neo?"



UTata wamanga uNeo. "Iincwadi ziyamangalisa. Aziphelela ziibhetri zona, kwaye ungakwazi ukuzifunda nokuba umbane umkile."

UNeo watsho ngoncumo lolonwabo waza wanqwala. Oko kwakuyinyaniso. Incwadi ungayifunda nokuba kuphi na nokuba kunini na.

Nal'ibali fun

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

Can you find these words in the wordsearch block below?


BOOK
COMMUNICATE
EXPRESS
IDEAS
KNOWLEDGE
NEWSPAPER
PAPER
PENCIL
POEM
READ
STORY
WRITE

K	S	P	E	T	N	B	E	N	Y	O
N	T	S	B	P	E	B	O	O	K	P
O	O	B	A	O	W	I	Q	U	V	L
W	R	I	T	E	S	R	E	A	D	D
L	Y	D	S	M	P	A	P	E	R	A
E	I	E	C	P	A	M	I	A	M	E
D	A	A	H	U	P	E	N	C	I	L
G	S	S	O	T	E	I	M	Y	U	A
E	I	E	X	P	R	E	S	S	L	O
C	O	M	M	U	N	I	C	A	T	E

Ingaba ungawafumana la magama kwibhloko yokukhangela amagama engezantsi?

INCWADI
NXIBELELANA
VAKALISA
IINGCEBISO
ULWAZI
IPHEPHANDABA
IPHEPHA
IPENSILE
UMBONGO
FUNDA
IBALI
BHALA

I	I	N	G	C	E	B	I	S	O	K
P	L	F	I	P	H	E	P	H	A	A
E	U	L	W	A	Z	I	H	A	K	N
N	G	H	V	S	B	O	E	L	N	A
S	I	K	O	L	O	I	P	H	A	L
I	B	A	L	I	M	X	H	O	S	E
L	H	A	M	B	A	L	A	H	L	L
E	A	G	U	M	B	O	N	G	O	E
I	L	A	M	F	U	N	D	A	K	B
T	A	L	B	H	A	L	A	I	A	I
I	N	C	W	A	D	I	B	N	C	X
S	A	S	I	L	A	K	A	V	B	N



Are you a star storyteller?

Look at the pictures below. Can you make up a story based on all or some of these pictures? You could tell your story to a group of friends, or write it down so that you can read it to others later.

- Decide which picture you want to use for the start of your story.
- Then, look at the other pictures and decide in what order you could use them to create a story.
- Now, write or tell your story and use words to fill in the gaps between the pictures to create your story.
- Many different stories can be created from the pictures. The story you write or tell will depend on the order you use the pictures in, the ideas you have and how you weave them together into a story!
- You might like to cut out the pictures to use with your story.
- Don't forget to give your story an interesting title.

Ingaba ungumbalisi-mabali ophume izandla?

Jonga imifanekiso engezantsi. Ingaba ungakwazi ukuqamba ibali elisekelwe kuyo yonke le mifanekiso okanye kweminye yayo? Ungabalisele iqela labahlobo bakho ibali lakho, okanye ulibhale phantsi ukuze ulifundele abanye kamva.

- Gqiba ngomfanekiso ofuna ukuvula ngawo ibali lakho.
- Emva koko, jonga eminye le mifanekiso uze ugqibe ngedlela ofuna ukuyilandelelanisa ngayo xa usenza ibali.
- Ngoku ke, bhala okanye ubalise ibali lakho uze usebenzise amagama ukuzalisa izithuba eziphakathi kwemifanekiso xa usenza ibali lakho.
- Ngamabali amaninzi kakhulu ohlukileyo onokuwaqamba ngale mifanekiso. Iballi olibhalileyo okanye olibalisayo liza kuxhomekeka kwindlela elandelelanisa ngayo imifanekiso, iingcinga onazo nendlela oziyondelelanise ngayo ebalini!
- Mhlawumbi ungathanda ukuyisika imifanekiso oza kuyisebenzisa nebali lakho.
- Uze ungabalisele ukunika ibali lakho isihloko esinomtsalane.



If you wrote a story for this activity and you would like to have it published in the Nal'ibali supplement, then send it to us at info@nalibali.org. We'll try to publish as many stories as we can!

Find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane ku-Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Ukuba ubhale ibali ukwenza lo msebenzi kwaye ungathanda ukuba lipapashwe kuhlelo lweNal'ibali, sithumelele ku-info@nalibali.org. Siza kuzama ukupapasha amabali amaninzi kangangoko sinakho!

Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SundayWorld